



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso 1 esithi **“Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo.”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS</p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasini ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo	Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo
Imibhalo yeBhayibhile	Imibhalo yeBhayibhile ebhalwe kwisishwankathelo sesifundo ngezantsi
Injongo yesifundo	Abaqinisekiswa bayazi ukuba xa bethandazela imiphefumlo ekwintlalo yabalele banako ukuncedisa kumsebenzi wosindiso.

Isishwankathelo sesifundo:

1. ULazaro nendoda esisityebi

Uyalikhumbula ibali likaLazaro kunye nesityebi? Indoda esisityebi yayiphilaphila ubomi obulula yonke imihla. ULazaro kwelinye icala wayeyindoda elihlwempu ekwakufuneka iphile ngeemvuthuluka eziwa etafileni yesityebi. Ukufa kwabo bobabini uLazaro waya kuhlala no-Abraham. Indoda esisityebi, nangona kunjalo, yangena kummandla apho yayizakuva ubunzima obukhulu. Uthe ke akubona uLazaro kungama omde ekunye no-Abraham, yakhwaza isithi: “Bawo, uAbraham! Thumela uLazaro ukuba athi nkxu incam yomnwe wakhe emanzini kwaye aphilise ulwimi lwam. Ndiyathuthunjelwa kula malangatye”(cf. uLuka 16: 19-31).

2. Imimandla eyahlukeneyo kwintlalo yabalele

- Xa abantu besifa umphefumlo wabo uya kungena kwintlalo yabalele ehambelana nemeko yawo ngexesha lokudla kwabo ubomi. Umzekelo, ukuba isela liyafa liya kwintlalo yabalele njengesela.
- Umphefumlo womntu awenzi naluphi na utshintsho ngenxa yokufa ngokwasemzimbeni.
- Umphefumlo ukwaqhubeka ukuthwala umthwalo wazo zonke izono ezingaxolelwanga.
- Abantu abangasekhoyo banako ukukwazi ngemeko yabo kwaye abo basokolayo banethemba loncedo.
- Kwintlalo yabalele sikwafumana abafele kuYesu Krestu.
- Eli qela liquka nabo bafumene iisakramente kwintlalo yabalele. Lindele ukubuya kukaKristu kwaye liyazilungiselela.



3. Uncedo kwimiphefumlo engakhululwa

- Ukusukela kumbingelelo kaYesu Krestu, kunako ukubakho ukutshintsho kwimeko yemiphefumlo ekwintlalo yabalele ibenako ukuba ngcono.
- Emva kokufa kukaYesu Krestu, wangena kwintlalo yabafileyo waya kushumayela apho (1 Petros 3: 19-20).
- Kungoko, umntu unako ukusindiswa emva kokufa komzimba.
- Nathi, sifuna ukubongoza uBawo wethu osemazulwini ukuba ancede imiphefumlo engakhululwanga kwintlalo yabalele.
- Imithandazo yethu ngale miphefumlo ibonisa uthando lwethu kwabanye abantu.

4. Inkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo

- Imiphefumlo ekwintlalo yabalele iyamenywa kwinkonzo nganye yobungcwalisa.
- Umbingelelo kaYesu Krestu unika ukufikelela simahla kusindiso kumphefumlo ngamnye olangazelela ukuhlangukwa kunye nosindiso.
- Kathathu ngonyaka (ngeCawa yokuqala yeenyanga zika-Matshi, uJulayi noNovemba) kukho iinkonzo ezingcwalisa zabangasekhoyo apho iisakramente zinikezelwa kubo.
- Ngexesha lenkonzo yobungcwalisa le miphefumlo iva ilizwi likaThixo njengokuba sisenza nathi.
- Emva kokuxolelwa kwezono nokubhiyozelwa koMthendeleko oNgcwele umphathinkonzo uyathandaza.
- INtloko yabaPostile, abaPostile besiThili, okanye uMpostile uuye athulule iisakramente kwimiphefumlo angasekhoyo.
- Imiphefumlo engekabhaptizwa inako ukufumana ubhaptizo olungcwele kuqala.
- Isipho soMoya oyiNgcwele siyathululwa kwabo balungiselelwe ngokufanelekileyo.
- Emva koko uMthendeleko oNgcwele unikwa kubantu abangasekhoyo.
- Iinkokheli ezimbini ezime njengabameli (abameli) zabangasekhoyo ngexesha lokuthululwa kweesakramente.
- Le miphefumlo iba namava ngeesakramente kunye nelizwi kuya kuba nefuthe kwimeko yemiphefumlo yabo kwintlalo yabalele.

5. Singalunceda njani kwimiphefumlo ekwintlalo yabalele?

- Siyayi bandakanya imiphefumlo ekwintlalo yabalele kuyo yonke imithandazo.
- Phambi kwenkonzo yobungcwalisa yabangasekhoyo, sibathandazela yona ngokukhethekileyo.



- Siyacela iNkosi ukuba iyincede kwaye sithandaza ukuba imiphefumlo ibe nokukholwa kuYesu Krestu kwaye ivuleke ekwamkeleni usindiso lukaThixo.

Sithetha ukuthi esi sifundo kuthi namhlanje?

- Lukho uncedo kwimiphefumlo engakhululwa.
- Ilizwi neesakramente zibalulekile kuthi apha emhlabeni, ngokunjalo nakwimiphefumlo ekwintlalo yabalele kungoko ukubaluleka kwenkonzo yobungcwalisa kwabo bangasekhoyo.
- Singayidlala eyethu indima ngokuthandazela imiphefumlo ekwintlalo yabalele.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Ndinako na ukunxibelelana nabangasekhoyo?

Impendulo: Ngokukhumbula abangasekhoyo nokubathandazela, sinonxibelelwano nabo.

2. Kungani na ukuya kwijelo losasazo okanye kubantu abathi banako ukubiza abafileyo?

Impendulo: Ukuzama ukunxibelelana (ngokusebenzisa ijelo okanye umlingo omnyama) abangasekhoyo abavunyelwa nguThixo. IDuteronomi 18: 10-12 ithi: "Maze kungafunyanwa namnye kuwe [...] nokhifulayo, nobopha ngomabophe, nobuza koneshologu, nosiyazi noquqela kwabafileyo. Kuba balisikizi kuYehova bonke abenza ezi zinto".

3. Ingaba kukho ukuzalwa ngokutsha kwabafileyo?

Impendulo: Hayi. Nawuphi na umbono wobomi obuphindaphindiweyo emhlabeni, nokuba kunjengabantu, isilwanyana okanye isityalo uyaphikisana nengxelo yeBhayibhile kwaye ke umxholo wevangeli: "Kwanjengokuba ke abantu bamiselwe ukuba bafe kube kanye" (Hebhere 9: 27).

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen